

IIMPAWU NEMIQONDISO YESIFO SE-GAUCHER

Isifo se-Gaucher sisigulo esingafane sibekho esifunyanwa ngemfuza (esifuzwayo), sokungabi na-enzyme ezaneleyo. Imiqondiso isusela kwephakathi ukuya kweqatha ibe ingakho nanini na ukususela ebusaneni ukuya ekugugeni. Inokuquka i-anaemia (i-haemoglobin ephantsi) ukudinwa kakhulu, ukugruruka ngokulula kunye nokuthanda ukopha. Ukudumba kwe-spleen nesibindi kunye nesisu esikhulu kungakho ibe namathambo angabuhlungu, amathambo ayeke ukomelela kuze kunyuke umngcipheko wokuba ophuke.

Abantu abagula yi-Gaucher abanayo i-enzyme esebenza kakuhle ebizwa i-glucocerebrosidase. Le enzyme inceda umzimba acole iiseli eziphelileyo ibe ngenxa yoko, into enamafutha ebizwa i-glucocerebrosidase iye yakheke kwi-spleen, kwisibindi, kumongo kodwa ayifane yakheke kwimiphunga kwaye kwezinye iintlobo zesifo se-Gaucher iye yakheke kwinkqubo yemithambo-luvo.


Isifo se-Type 1 Gaucher sesona siqhelekileyo esichaphazela umntu om-1 kwaba 100,000 kubantu ngokubanzi. Abantu abaninzi abane sigulo se-type 1 Gaucher abanamiqondiso ibe abantu baphila ubomi ngendlela eqhelekileyo.



1Skena ukuze udawunlowude incwadana yethu enenkcazelo epheleleyo ukufunda okungakumbi ngenaku bit.ly/gdinfor

Isifo se-Type 2 Gaucher asifane sibekho, luhlobo lwesigulo se-Gaucher esikhawulezayo ibe sichaphazela inkqubo yemithambo-luvo kunye ne-spleen, isibindi, imiphunga namathambo.

Isifo se-Type 3 Gaucher, okanye isifo se-chronic neuronopathic Gaucher, siphakathi kohlobo 1 nohlobo 2 lwesigulo se-Gaucher. Izigulane zineempawu ezichaphazela amalungu abalulekileyo omzimba (imiphunga, isibindi ne-spleen) kunye nezichaphazela ingqondo (ubuchopho). Sekunjalo, iimpawu ezichaphazela ingqondo azikho qatha kangako kunokuba kunjalo kuhlobo 2.



**Ukuxilongwa kwangoko
kwenza ube nolwazi Kwakha
ikamva elingcono**



**IIMPAWU NEMIQONDISO YESIFO
SE-GAUCHER**

**SIXOLONGWA NJANI ISIFO SE-
GAUCHER?**



SIXOLONGWA NJANI ISIFO SE-GAUCHER?

Ayisoloko icacile inkqubo yokuxilonga izigulo ezininzi, ingakumbi ke i-Gaucher.

Amaxesha amaninzi, isigulane siya kugqirha sikhathazwa yingxaki efana nomkhuhlane, intlungu engacaciyo ibangelwa yintoni okanye ukuya ukuyokuxilongwa ngokwesiqhelo. Ngangona kunzima ukufikelela kwisigqibo sokuba umntu une-Gaucher emva kokumxilonga, eminye imiqondiso ingafana neyezinye izigulo. Ugqirha angenza ezinye iimvavanyo ukuze aqiniseke ukuba ayizizo na izigulo eziqhelekileyo.

Ngokomzekelo, kwiimeko apho izigulane zinee-platelet eziphantsi, oogqirha baqale bajonge ukuba ayibangelwa yi-leukaemia na loo nto. Ukuba isigulane sikhala ngeentlungu ekudibaneni kwamathambo, ugqirha angaqale acinge ukuba sisifo samathambo. Ngamanye amaxesha iingcali ezikwindawo esebenza ngofuzo, ugqirha oyingcali yegazi okanye ugqirha oyingcali kwi-metabolism angaluncedo ekwahluleni iimpawu ze-Gaucher kwiimpawu zezinye izigulo eziqhelekileyo.

Isifo se-Gaucher sinokuxilongwa ngokwenza uvavanyo lwegazi – ngokulinganisa umlinganiselo we-enzyme okwigazi lakho nangokujonga ukuzahlula kwe-glucosebrosidase.

Isifo seGaucher sinokurhaneleka kumntu osuke adumbe i-spleen, ethanda ukopha, eqaqanjelwa ngamathambo okanye amalungu okanye avele ophukelwe ngamathambo.

UGQIRHA WABANTWANA unokufikelela kwisigqibo sokuba umntwana unesifo se-Gaucher xa ekhala ngokuqaqamba emazantsi esisu okanye umongoza rhoqo.

UGQIRHA OYINGCALI YEGAZI unokufumanisa ukuba umntu une-Gaucher xa loo mntu enegazi elincinci okanye ii-platelet zakhe ziphantsi.

UGQIRHA WAMATHAMBO unokuxilonga aze afumane isigulo se-Gaucher xa enyanga umntu osoloko esophuka amathambo ngaphandle kwesizathu.

Isifo se-Gaucher sinokurhanelwa ngokuyintloko kubantu abanamalungu osapho ekuqinisekisiweyo ukuba anaso esi sigulo.

**I-International Gaucher
Alliance ngumbutho obanzi
omela amaqela ezigulane
emhlabeni wonke.**

**Ukuze ubone ukuba likhona na
iqela kwilizwe ohlala kulo, ibe
ukuba ufuna inkcazelo
engakumbi malunga nesifo se-
Gaucher, ngena
kwiwebhusayithi yethu ethi
www.gaucheralliance.org**



I-IGA ngumbutho wamazwe ngamazwe okhokelwa zizigulane oye waba 'yindawo yokuya' elilizwi kubantu abangaphezu kwe-90% yabantu abachatshazelwa yi-Gaucher kumhlaba wonke ibe izenzele igama ngokumamela nokuza neziphumo eziye zanegalelo kwizigulane nakubantu ababanyamekelayo. Ukuba ufuna ukukhangela iqela lezigulane kwindawo ohlala kuyo, dibana namalungu amahlakani ethu angaphezu kwayi-40 ukuze ufumane inkxaso kwindawo ohlala kuyo, icebiso neendaba ngena ku gaucheralliance.org/member-directory.

UMBONO WETHU:

Iilizwe apho zonke izigulane ze-Gaucher zikwazi ukufikelela kunyango nonakekelo eziludingayo kunye nonyango olunokubakho.

IMILINGANISELO YETHU:

Singabantu: ababeka izigulane endaweni yokuqala, abanokuthenjwa, abasebenzisanyayo, abanombono, abayithandayo into abayenzayo

INJONGO YETHU:

- ukuxhobisa amalungu ethu
- ukuthethela izigulane ezine-Gaucher
- ukuqiniseka ukuba isicwangciso sophando lwe-Gaucher sijolise kwiimfuno zezigulane ezingekafikelelwa
- ukuthatha inyathelo elidibeneyo ukuze kulungiswe iingxaki izigulane ze-Gaucher ezidibana nazo ekufikeleleni ukuxilongwa kwangoko nokufumana olona nyango lusebenzayo kunye nonakekelo..